Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# ISIGABA ESIPHEZULU

# IBANGA LESI-9

# EYENKANGA 2019

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3 MEMORANDAM

**AMANQAKU: 30**

Le memorandam inamaphepha asi-7.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

1.1 Yayingathi andisafiki ekhaya ngaloo mini.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Umfundi makabalise ibali / asichazele ngesiganeko esithile / isiganeko esiqwetyiweyo.
- Ibali lakhe malidlwengule umxhelo libe lelikholelekayo libe lithetha ngosuku hayi iintsuku.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo / eladlulayo.
- Umhlathi oyintshayelelo mawunikise umdla.
- Isiphelo masibe sesinikisa umdla nesingaqhelekanga.
- Umdla womfundi mawugcinwe, ngezafobe, isimbo, intshukumo kunye namaqhalo. **[20]**

1.2 Amaphupha endinawo ngekamva lam.

- Umfundi makachaze ngamaphupha akhe esebenzisa amagama afanelekileyo, esizobela oko afuna ukukufezekisa ngekamva lakhe.
- Makasebenzise amagama ngobunono ukwenzela ukufezekisa isiphumo sokubhala.
- Makasebenzise izigaba zentetho ukuncasanisa isincoko sakhe. **[20]**

1.3 Usuku lwam lokuqala ukundwendwela isibhedlele.

- Umfundi makasichazele ngokwenze ukufika kwakhe esibhedlele.
- Makachaze ntoni ngelixa elindile.
- Angachaza ngendlela ewayeziva ngayo, izikhalo zabantwana / abantu besoyika, ukungena kuphuma abantu njalo-njalo.
- Makasebenzise amagama ngobunono ukwenzela ukufezekisa isiphumo sokubhala.
- Makasebenzise izigaba zentetho ukuncasanisa isincoko sakhe. **[20]**

1.4 Ndancuma xa ndibona umzali wam engena.

- Umfundi makabalise ibali / asichazele ngesiganeko esithile / isiganeko esiqwetyiweyo.
- Ibali lakhe malisizobele okwakusenzeka phambi, ngelixa kanti nasemva kokubona umzali wakhe.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo / eladlulayo.
- Umhlathi oyintshayelelo mawunikise umdla.
- Isiphelo masibe sesinikisa umdla nesingaqhelekanga.
- Umdla womfundi mawugcinwe, ngezafobe, isimbo, intshukumo kunye namaqhalo. **[20]**

1.5.1
- Kulindeleke ukuba umfundi abhale isincoko esitolika oko akubona emfanekisweni.
- Angabhala naluphi udidi lwesincoko.
- Kulindeleke ukuba umfundi anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Izihloko ezilindelekileyo ingazezi:

  Imini yemidlalo / Iqela lebhola endilithandayo / Ukuphumelela kwethu ukhuphiswano / Impumelelo iza emva kwentsebenziswano nezinye ezichanekileyo. **[20]**

1.5.2
- Kulindeleke ukuba umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.
- Angabhala naluphi na udidi lwesincoko.
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Izihloko ezilindelekileyo ingazezi:

  Amanzi / Ukonga amanzi kubalulekile / Ukubaluleka kwamanzi nezinye ezichanekileyo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 20**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

### 2.1 ILETA YOBUHLOBO ENIKA IINGCEBISO

- Idilesi enye yombhali weleta.
- Idilesi mayibe nenyanga ebhalwa ngesiXhosa ibe nomhla wokubhalwa kweleta.
  Umzekelo – 15 eyeKhala 2019 okanye 21 Novemba 2019
- Isibuliso esichanekileyo umzekelo – Luvo endimthandayo
- Intshayelelo mayichaze isizathu okanye injongo yokubhala ileta.
- Isiqu masahlulwa – hlulwe ngokwemihlathi sinabisa oko kuvele kwintshayelelo.
- Umhlathi oqukumbelayo.
- Isiphelo esichanekileyo.
- Umzekelo – Umhlobo wakho
  Lithemba **[10]**

### 2.2 ISIBHENGEZO-NTENGISO

- Bamba ugcine umdla womfundi – uqinisekisa ukuba ayagqama amagama asebenzayo.
- Lukuhla umntu ukuba athenge into okanye inkonzo ethile.
- Tsala umdla womfundi – uqiniseke ukuba amagama azizenzi ngawona agqamileyo.
- Thathela ingqalelo oku kulandelayo xa uyila:
- Abantu ekujoliswe kubo (esenzelwe bona isibhengezo)
- Indawo esibekwa kuyo (siza kuvela phi, nini kwinkqubo okanye ndawoni kwimagazini okanye iphepha-ndaba?)
- Ingaba sinika umdla (sinika umdla njani?)
- Ukuma kwaso nobungakanani befonti.
- Uhlobo lwengcinga eveliswayo (nokuba yenyanisekileyo okanye hayi) kunye nothelekiso phakathi kwenyani noluvo.

- Ifuthe lokukhethwa kwemibala esetyenziswayo okanye engasetyenziswayo.

- Ulwimi olusetyenziswayo (nokuba lulwimi olunomdintsi kuba kukudala lusetyenziswa, oluphinda-phindayo, olunezafobe, njalo njalo) **[10]**

2.3 **IDAYARI**

- Umfundi makabhale kumntu wokuqala.

- Makuvele umhla nosuku.

- Unokusebenzisa ulwimi lwemihla ngemihla.

- Makavakalise iimvakalelo zakhe malunga nemeko leyo athetha ngayo.

- Makabhale izinto azenzileyo naseza kuzenza. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**
**AMANQAKU EPHEPHA LILONKE: 30**

## ICANDELO A: IZINCOKO

## UMBUZO 1

## IRUBRIKI YEZINCOKO [20]

| Imiqathango | Egqwesileyo<br>8–10 | Enobuchule<br>6–7 | Eyanelisayo<br>4–5 | Engaphumelelanga<br>0–3 |
|---|---|---|---|---|
| **Umxholo nocwangciso**<br><br>**10** | • Impendulo yomfundi igqwesile. Inomtsalane ngaphezu koko bekulindelekile.<br>• Isincoko usicwangcise ngokugqwesileyo.<br>• Impendulo elungelelaniswe ngokugqwesileyo ukuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo. | • Impendulo eyanelisayo.<br>• Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemxholweni.<br>• Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo. | • Impendulo ayinathungelwano lungqinelayo.<br>• Izimvo azicacanga kakuhle.<br>• Buncinci ubungqina bolungelelwano nothungelwano lweengcamango. | • Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela.<br>• Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamenanga nomxholo.<br>• Izimvo azilungelelaniswanga kwaye azithungelani. |
| **Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela**<br><br>**6** | 5–6 | 4 | 2–3 | 0–1 |
| | • Ulwimi lugqwesile kwaye lusetyenziswe ngokuzithemba.<br>• Luyachukumisa ngokugwesileyo.<br>• Ithoni idwengula umxhelo.<br>• Ubukhulu becala akukho zimposiso. | • Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br>• Ithoni ifanelekile.<br>• Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe nokuphucula umxholo.<br>• Iimposiso zimbalwa. | • Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebathathaka.<br>• Ithoni nochongo magama azifanelekanga.<br>• Isigama sinqongophele kakhulu.<br>• Iimposiso ezikhoyo aziyitshintshi intsingiselo. | • Ulwimi alunantsingiselo.<br>• Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi okubhaliweyo.<br>• Kuneemposiso ezininzi ezibhidisayo. |
| **Isakhiwo**<br><br>**4** | 4 | 3 | 2 | 0–1 |
| | • Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo.<br>• Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo. | • Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle.<br>• Isincoko sisemxholweni | • Kukho amanqaku asemxholweni.<br>• Izivakalisi nemihlathi azakhiwanga ngendlela. | • Isincoko siphume kwaphela emxholweni.<br>• Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi luphume ecaleni. |

**[20]**

## IZINCOKO ZIYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| **ISIQULATHO** | **AMANQAKU** |
|---|---|
| A: UMXHOLO NOCWANGCISO | 10 |
| B: ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 6 |
| C: ISAKHIWO | 4 |
| **AMANQAKU EWONKE** | 20 |

## ICANDELO B: IMIHLATHI

## UMBUZO 2

## IRUBRIKI YEMIHLATHI [10]

| Imiqathango | Egqwesileyo<br>5–6 | Enobuchule<br>4 | Eyanelisayo<br>3 | Engaphumelelanga<br>0–2 |
|---|---|---|---|---|
| **Umxholo Nocwangciso Nefomathi**<br><br>**6** | • Impendulo yomfundi igqwesile. Inomtsalane ngaphezu koko bekulindelekile.<br>• Ulwazi olunzulu ngeeempawu zohlobo llomhlathi obhaliweyo.<br>• Icaciswe nzulu kwaye zonke iincukacha ziyasixhasa isihloko.<br>• Ifomathi yamekelekile kwaye ichanekile | • Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>• Ayikho semxholweni ngokupheleleyo.<br>• Ubukhulu becala ifomathi ifanelekileyo kodwa kukho iziphene ezingephi. | • Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lweetekisi.<br>• Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>• Imigaqo eyimfuneko yefomathi iyanelisa. | • Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>• Impendulo ayikho semxholweni kwaphela.<br>• Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.<br>• Imigaqo engundoqo yefomathi ityeshelwe. |
| **Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela**<br><br>**4** | 4 | 3 | 2 | 0–1 |
| | • Ulwimi lugqwesile kwaye lusetyenziswe ngokuzithemba.<br>• Luyachukumisa ngokugwesileyo.<br>• Ithoni idlwengula umxhelo.<br>• Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | • Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenziswe ngokufanelekileyo, ngokuchanekileyo nangokuzinzileyo.<br>• Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. | • Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br>• Ithoni ifanelekile.<br>• Isigama sanele.<br>• Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo. | • Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka. Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo.<br>• Intsingiselo ilahlekile. |

## IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| ISIQULATHO | AMANQAKU |
|---|---|
| A: UMXHOLO UCWANGCISO NEFOMATHI | 6 |
| B: ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 4 |
| **AMANQAKU EWONKE** | 10 |